URhulumente weNtshona Koloni

ISebe leMfundo leNtshona Koloni
**Gafieza Ismail**
ICandelo le-*eLearning*
Gafieza.Ismail@westerncape.gov.za | 021 467 2592

Inombolo yefayili: 24/3/1/4
Isalathiso: 20250213-635

INgcaciso eMfutshane yeCandelo le-*eLearning:* 0001/2025

Iya: KumaSekela Balawuli-Jikelele, kuBalawuli aBaziiNtloko, kuBalawuli, (KwaNdlunkulu nakwii-ofisi zezithili), kwiiNtloko zoKunika iNkxaso kwiKharityhulam, kuBaphathi beeSekethe, kumaSekela eeNgcali zeMfundo eziziiNtloko, kuBaququzeleli be-*FET* ne-*GET*, kuBacebisi ngeZifundo, kwiiNqununu nakootitshala bazo zonke izikolo zikarhulumente

**ISihloko: Ukuqaliswa okulandelayo kwenkqubo yophinda-phindo ye-*Information and Communication Technology Adoption Strategy*: ikhosi yekhompyutha oyenza ngexesha lakho yeeKomiti zoLawulo zeZikolo, ootitshala bazo zonke izikolo zikarhulumente namagosa emfundo**

1. Ukunika inkxaso imiba yokwamkelwa notshintsho kwi-*eLearning*, iCandelo le-*eLearning* leSebe leMfundo leNtshona Koloni (iSebe iWCED), lazisa isiCwangciso i-*Information and Communication Technology (ICT) Adoption Strategy:* esiyikhosi yekhompyutha oyenza ngexesha lakho ukwenzela iiKomiti zoLawulo zeSikolo, ootitshala kuzo zonke izikolo zikarhulumente namagosa emfundo.

2. IsiCwangciso i-*ICT Adoption Strategy* sijolise ekudaleni ikhondo lezotshintsho ukwenzela ii-*SMTs* nootitshala nokuthatha kwabo inxaxheba kwisicwangciso sohlanganiso nokuphunyezwa kwe-*ICT* esikolweni. Injongo yale khosi yokuxhobisa ngolwazi (*developmental course*) kukunceda abathathi-nxaxheba bamkele iinkqubo zethekhinoloji ne-*ICT* (*technologies* and *ICT)* kwiindawo ezininzi ezimalunga nokufunda, o.k.t. ezolawulo, ulawulo lwesikolo nemisebenzi eyenziwayo, naseziklasini (iindawo zokufundisela nokufunda).

3. IsiCwangciso i-*ICT Adoption Strategy* sahlulwe sazizigaba ezithathu: **ISigaba 1*: ICT Visibility*, ISigaba 2: *ICT Landscape*, neSigaba 3*: Transformation Agenda*.** Isigaba ngasinye siqulethe iinkalo ekugxininiswa kuzo ezingaphezulu kwizigaba ezahlukileyo. Makujongwe le theyibhile ingezantsi:


wcedonline.westerncape.gov.za
Employment and salary enquiries: 0861 819 919 | Safe Schools: 0800 45 46 47
Western Cape Education Department

| Isigaba | Amacandelwana *(Parts)* |
|---|---|
| ***Phase 1: ICT Visibility*** | *Part 1: General use of ICT in the school environment.*<br>*Part 2: ICT use in administration.*<br>*Part 3: The 21st century learner.*<br>*Part 4: ICT integration in the classroom.* |
| ***Phase 2: ICT Landscape*** | *Part 1: Infrastructure and equipment.*<br>*Part 2: Digitisation and digitalisation.*<br>*Part 3: Understanding changing environments.* |
| ***Phase 3: Transformation Agenda*** | *Part 1: Educator Transformation.* |

4. IsiCwangciso i-*ICT Adoption Strategy* ikwi-*WCED Learning Management System*. **Yikhosi oyenza ngexesha lakho kwikhompyutha kwiiyure eziyi-24 (*self-paced, 24-hour online course*);** eneeyure ezili-14 ezilungiselelwe ukuqwalasela imathiriyeli yekhosi yekhompyutha nezinye iiyure ezili-10 ezilungiselelwe iprojekthi yephotifoliyo yootitshala ngabanye *(teacher's individual portfolio project)* (i-*Adoption and Transformation digital portfolio*)**.** Ithuba lokuqhutywa kwekhosi **ziiveki ezili-12** (iiyure ezimbini ngeveki), eziqala ngowe-**17 Matshi 2025.**

5. Le khosi eyinkqubo yophinda-phindo yekhompyutha *(iteration)* yinguqulelo ephuculweyo, ye-*ICT Adoption Strategy* nebonelela ngenkqubo yekhompyutha ephuculweyo kubasebenzisi *eyi-user design experience and interface* likhosi eziya kulandela ziya kwaziswa izikolo ngokumalunga neekhosi eziphindwayo neenkqubo zophinda-phindo zekhompyutha ezintsha ezilandelayo.

6. Le khosi ihlanganiswe nekhondo lophuhliso lwezakhono zootitshala leSebe i*WCED* yaye iyinxalenye yesisiseko se-*WCED eLearning Transformation Strategy*. Ibonelela ngokuphuculwa kwale nkqubo ye-*ICT* yekhompyutha ephuculiweyo *(ICT enhancement*), ekunokusekelwa kuyo ukuphuculwa kwezakhono zabasebenzi oko kukuthi i-***Dovetail Essentials.***

7. I-*Dovetail Essentials* imalunga neeseshoni ii-*micro-learning sessions* ezisibhozo eziqhutywa ngekhompyutha nezidityaniswe kwi-*non-linear learning pathway*. Oku kuba yinxalenye yokwandiswa nokuqhubeka kwesiCwangciso se-*ICT Adoption Strategy*, esibonelela ngokungaphezulu ngamava okufunda ngokwenza. Ezi seshoni ziqatshelwe kuluhlu lweekhosi ezibhalisiweyo njengezezona zingundoqo nesiseko kwizakhono zobuchule ii-*ICT integration competencies*.

8. Abathathi-nxaxheba abathagethiweyo be-*ICT Adoption Strategy* ngaba:
   (a) Ii-*SMTs* ezinoxanduva lohlanganiso lwethekhinoloji nokwamkelwa kwayo *(technology integration and adoption)*
   (b) Amagosa azii-*ICT champions* nabaququzeleli be-*ICT* ezikolweni;

(c) ootitshala; kunye

(d) namagosa ekharityhulam eSebe *iWCED,* abaphathi beesekethe nabeenkonzo zokunika inkxaso neengcebiso ezimalunga noku.

9. Makubhaliselwe le khosi ngqo ngokungena apha kule linki **https://bit.ly/m/wcedtpd**

(a) Ukuvalwa kobhaliso: **03 Matshi 2025.**

(b) Ukuba kufuneka ufake i-*course ID key*, sebenzisa le *-ID key* ilandelayo: **2230**

10. Umququzeleli weprogram uya kwazisa izikolo nge-imeyili iinkcukacha zobhaliso ezifanelekileyo phambi kokuqala kwekhosi.

11. Ukuba unayo nayiphi na imibuzo, uyacelwa uqhagamshelane nomcebisi we-*eLearning* ngale linki ilandelayo: https://wcedonline.westerncape.gov.za/elearning/elearning-contact-your-elearning-advisor

12. Kucelwa iinqununu ukuba zazise okukule ngcaciso imfutshane zonke ii-*SMTs* nootitshala ukuze bakuthathele ingqalelo.

**ISAYINWE:** NGU-BJ LORISTON
**USEKELA MLAWULI-JIKELELE WEKHARITYHULAM NOLAWULO LOVAVANYO**
**UMHLA:** 2025-02-18